




CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD



ISISHWANKATHELO SESIKHOKELO ESINGOKUFAKWA NOKUSETYENZISWA KWENKQUBO ZENTLOBO EZIZEZINYE ZAMANZI EKAPA

Le ncwadana ikunika isikhokelo esishwankathelweyo ngendlela ekhuselekileyo yokufakwa kunye nokudityaniswa kweenkqubo zeentlobo ezizezinye zamanzi, kananjalo nokusetyenziswa kweendlela ezizezinye zamanzi. Jonga ingxelo epheleleyo yezikhokelo ukufumana inkcukacha ezipheleleyo.

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.



OKUQULATHIWEYO

04

Intshayelelo

06

Ukufaka isicelo sokusebenzisa ezinye iintlobo zamanzi nokufaka iinkqubo zoko

08

Ukusetyenziswa ngokukhuselekileyo kwezinye iintlobo zamanzi

INTSHAYELELO

Ukusetyenziswa ngendlela eyiyo kwezinye iintlobo zemithombo yamanzi kunceda ukunciphisa umthamo wamanzi kamasipala atsalwa kumadama ethu, ingakumbi ngamaxesha embalela. Lintlobo ezizezinye zamanzi nazo ziyinxalenye yephulo leSixeko lokukwazi ukumelana neemeko ezinzima zamanzi, njengoko sijongene nekamva elingaqinisekanga lokunetha kwemvula. Nangona kunjalo, kukho imiqathango ebalulekileyo ekhoyo ekufuneka uyithabathele ingqalelo.

Ezinye iintlobo zamanzi zinganentsholongwane, ibhaktheria kunye nezinto eziyingozi ezingangcolisa izinga lomgangatho wamanzi aselwayo kamasipala ukuba zinokuthi zidibane nawo. Ukuba akubekwa migqaliselo iyiyo, ungathi ungcolise amanzi akwipropati yakho kananjalo nonikezelo lwamanzi kamasipala kwingingqi yakho. Ezinye iintlobo zamanzi zingathi zibe ngumngcipheko ombi kakhulu kwimpilo yoluntu nokusingqongileyo, nto leyo ekufuneka ithintelwe.

Le ncwadana ikunika isishwankathelo seenkcukacha malunga nokufakela ngokukhuselekileyo ezinye iintlobo zenkqubo yamanzi ukulungiselela ukunkcenkceshela okanye lawo athe aqhagamshelaniwa kufakelo lwamanzi kwisakhiwo kuze kulandelwe kukusetyenziswa kwaloo manzi aqokelelweyo/atsaliweyo. Ukufumana isikhokelo esipheleleyo sokufakela iNkqubo zaManzi ezizenye iiNtlobo, yiya ku: **<http://cct.gov.za/AIBNI>**

Nceda uqaphele ukuba unoxanduva olupheleleyo lwazo zonke iziphumo ezinokuthi zivele ngokusebenzisa nawaphina amanzi angekho kwizinga lomgangatho wamanzi okusela anjengalawo anikezelwa siSixeko saseKapa (iSixeko).



UKUFAKA ISICELO SOKUSEBENZISA EZINYE IINTLOBO ZAMANZI NOKUFAKA IINKQUBO ZOKO

Kufuneka ufumane imvume kwiSixeko kunye/okanye kwiSebe lezaManzi noGutyulo lweLindle likaZwelonke (DWS) ukuba unomnqweno wokusebenzisa ezinye iintlobo zamanzi kwaye/ okanye ukufakela inkqubo yonikezelo lwamanzi elolunye uhlobo, ngokomthetho kazwelonke kunye noMthetho kaMasipala weSixeko. Ingakumbi ezo nkqubo zijolise ekubeni ziqhagamshelaniswe kufakelo lwenkqubo yonikezelo lwamanzi nethi idale umngcipheko wokuba olo hlobo lulolunye lwamanzi luye kudibana nothungelwano lonikezelo lwamanzi lweSixeko.

Uluhlu oludweliswe kwiphepha elilandelayo lushwankathela ukuba kokuphi ukuphunyezwa, ugunyaziso kunye nemvume eyimfuneko kwiintlobo ezahlukeneyo zemithombo yamanzi.

Qaphela: Ukuba uhlobo olulolunye lonikezelo lwamanzi lufakelwe, **kufuneka ufake isicelo ukuze ufumane iPhepha elisisiqinisekiso sokuPhunyezwa kwiplambaebhaliswe ngokusemthethweni.**

Ukufumana iplambaebhaliswe ngokusemthethweni, yiya ku: www.capetown.gov.za/thinkwater



OLUNYE UHLOBO LOMTHOMBO WAMANZI	IFUMANEKA KU -DWS KAZWELONKE	IFUMANEKA KWISIXEKO SASEKAPA
Amanzi emvula	Ayiyichaphazeli	• Ukuphunyezwa kokufakelwa
Amanzi atsalwa phantsi komhlaba	Ukuba ukusetyenziswa kwawo kungaphaya 'kokuwasebenzisa okusesikweni' kwasekhaya njengoko kuchaziwe kwiShedyuli 1, ngoko ke isiGunyaziso esiBanzi okanye iPhepha-mvume lokuSetyenziswa kwaManzi liyakusebenza	• Ukubhaliswa kwesitsala-manzi/ipitsi • Ukuphunyezwa kokufakelwa
Amanzi aphantsi komhlaba	Ukuba ukusetyenziswa kungapha komlinganiselo osesikweni ovunyelweyo ngokweShedyuli 1, ngoko ke isiGunyaziso esiBanzi okanye iPhepha-mvume lokuSetyenziswa kwaManzi liyakusebenza	• Ukuphunyezwa kokufakelwa
Amanzi aphezulu komhlaba	Ukuba ukusetyenziswa kungapha komlinganiselo osesikweni ovunyelweyo ngokweShedyuli 1, ngoko ke isiGunyaziso esiBanzi okanye iPhepha-mvume lokuSetyenziswa kwaManzi liyakusebenza	• Imvume yokugalela amanzi kumjelo wezikhukula zemvula • Ukuphunyezwa kokufakelwa
Amanzi amdaka	Ayiyichaphazeli	• Ukuphunyezwa kokufakelwa
Amanzi angawogutyulo acociweyo-aphuma kwiSixeko	Ukubhaliswa njengomsebenzisi wamanzi	• Ukuphunyezwa kokufakelwa

UKUSETYENZISWA NGOKUKHUSELEKILEYO KWEZINYE IINTLOBO ZAMANZI

Kunyanzelekile ukuba kuthatyathwe amanyathelo okhuseleko xa kufakwa uhlobo olulolunye lwenkqubo yamanzi kwisakhiwo, okanye ukuwasebenzisela ukunkcenkceshela, kubandakanywa kumabala emidlalo, iipaki zokudlala njalo njalo.

Fakela ivalvi eneNdawo yoXinzelelo olweHlisiweyo (RPZ) ekhusela ukubuyela umva kwamanzi (okanye olunye uhlobo olubizwa “air gap” tank) ukwenzela ukuba amanzi okusela anikezwa ngumasipala kwingingqi yakho angabinakho ukungcoliseka.

Izinga lomgangatho lomthombo wamanzi ololunye uhlobo kwanendlela agcinwe kananjalo alawulwa ngayo, ibaluleke kakhulu ngokubhekiselele apho/ kwanendlela angasetyenziswa ngayo. Qala ngokuvavanya amanzi akho alolunye uhlobo, kwilebhu ebhaliswe yaphunyezwa ngokusemthethweni yi-SANAS, uze uthlekise iziphumo kunye nezikhokelo zomgangatho wamanzi, zikazwelonke, zangonyaka wama 1996. Unyango lungayimfuneko.

Ezinye iintlobo zamanzi zingasetyenziselwa ukugugxula izindlu zangasese, ngemvume efunekayo kunye nezinga lomgangatho. Nangona kunjalo, awuvumelekanga ukusela olunye uhlobo lwamanzi okanye uwasebenzisele ukuhlamba (ukuhlamba umzimba) kunye nokupheka (okanye ukulungisa ukutya) ngenxa yomngcipheko wezempilo anokuthi awubangele. Abangabandakanyekiyo koku ngabasebenzisi-nkonzo abambalwa kuphela abanesivumelwano sekontrakthi kunye neSixeko sokusebenza njengabaMeli beNkonzo zaManzi, phantsi kwemimiselo nemiqathango engqongqo.


Ukuchithwa kwamanzi asetyenzisiweyo alolunye uhlobo okanye nawaphina amanzi ogutyulo acociweyo avelisiweyo kufuneka akhutshelwe kwindawo elungileyo. Nakuphina ukulahlwa okanye ukuphuphumala okusuka kwinkqubo yamanzi alolunye uhlobo aqulathe ikhemikhali eziyingozi okanye izinto ezithile kufuneka zikhutshelwe kwijelo logutyulo lwamanzi khonukuze acocwe/angabinabungozi, kwindawo zeSixeko zokucoca amanzi amdaka, kuphela ukuba lomanzi aphakathi komlinganiselo omiselweyo kuMthetho kaMasipala waManzi aMdaka namanzi amdaka eMizi-mveliso, weSixeko. Ukuphuphumala kweetanki ezinamanzi emvula angacocwanga kufuneka akhutshelwe kwimijelo yezikhukula zamanzi.



“Musa ukusela” izilumkiso kufuneka zifakwe kwiindawo eziphambili zeprophi ezihamba abantu (oko kukuthi esangweni lokungena) nakwindawo ezisetyenziswayo, kananjalo kuyo yonke imibhobho esetyenziswayo kwinkqubo yamanzi alolunye uhlobo kananjalo kufuneka ibe nombala othile. (Jonga amaxwebhu esikhokelo esipheleleyo semibala efunekayo).

AMANZI EMVULA ASETYENZISWA NGAPHANDLE NOKUGUNGXULA IZINDLU ZANGASESE

Umzekelo wenkqubo yamanzi emvula asetyenziswa ngaphakathi nangaphandle uyaboniswa kwaye ucacisiwe apha ngezantsi. Nceda uqaphele okokuba lenkqubo iyakwahluka ngokholobo lwejelo lamanzi elilolunye uhlobo (amanzi emvula, amanzi aphazukomhlaba njalo njalo) elisetyenziswayo. Lo ngumzekelo nje omnye.



- 1 Amanzi okusela anikezelwa nguMasipala kwipropati efakelwe ivalvi yeRPZ ethintela amanzi ukuba angabuyeli emva (kunyanzelekile). I-RPZ kufuneka ifakelwe ngoko nangoko ngezantsi kwe-stopkok sabucala, kwicala oyangakulo umsinga ngaphakathi kumda wesiza, ngaphezulu komhlaba, kananjalo ngokwe SANS0252-1:2016 (Ushicilelo 3.1.) Jonga umzobo wezobugcisa/ isikhokelo somzobo kwishlomelo se-4 kuxwebhu lwesikhokelo esipheleleyo.
- 2 Amanzi emvula asiwa ngeegatari kwitanki eligcina amanzi.
- 3 Ubumdaka obususwa ngomjelo ohluzayo okekelele ezantsi.
- 4 Amanzi emvula okugcwalisa amaqula okuqubha okanye ukusetyenziselwa ezinye izinto zaphandle, kule meko amanzi asuka nqo kwigatari aziswa ngamandla akekelele kwicala elithile, umzekelo aziswa ngombhobho weplastiki othambileyo.
- 5 Ukuqokelelwa kwamanzi emvula kwitanki egcina amanzi. Itanki ingafakelwa ngaphantsi okanye ngaphezulu komhlaba kananjalo ingenyuswa ukuba ibekwe phezulu kwesiseko esomelele ngokwaneleyo (umzekelo ikonkriti). Thathela ingqalelo SANS 10252-1:2016 (Ushicilelo 3.1) ngokubhekiselele kumanzi etanki egcina amanzi, SANS 2001-CC2 ukuba wakha isiseko sekonkriti, iMiaqo kaZwelonke yoKwakha kunye noMthetho 103 wango-1977 weMiqathango yoKwakha, kananjalo nenkcazelo yomvelisi, ngayo. Nakuphina ukufakelwa kwetanki phantsi komhlaba kufuneka kube, kude kudonga lomda wesiza, imitha enye, ubuncinane.
- 6 Ukuphuphumala kumjelo wezikhukula zamanzi kwetanki eligcina amanzi. Ukuba amanzi emvula acocwa ngazo naziphina ikhemikhali, impuphuma zetanki kufuneka zingene kumjelo wogutyulo lwelindle.
- 7 Amanzi emvula asetyenziselwa ukuncenkeshelela ngokuthontsiza/ngaphantsi komhlaba nje kancinci, ngaphantsi kwengqimba yamagqabi avundileyo, ukuhlamba isithuthi kunye/okanye ukucoca ibala eliqinileyo.
- 8 Amanzi emvula okugcwalisa iqula lokuqubha. Isigqumathelo segula njengoko sasimiswe kwimiqathango yolondolozo lwamanzi ngeloxesha.
- 9 Amanzi emvula asetyenziselwa ukugungxula indlu yangasese.
- 10 Uphawu olusemthethweni, olukwaziyo ukumelana neemeko zezulu, malibekwe kwisango lokungena elilelona lisetyenziswayo kananjalo nakwiindawo ezisetyenziswayo ukulumkisa abantu ekubeni bangawasebenziseli ukusela, ukupheka kwanokuhlamba.
- 11 Amanzi okugungxula anikezelwa nguMasipala, kufuneka acinywe xa kusetyenziswa amanzi emvula. Oku kungenzeka ngamaxesha athile onyaka, ngexesha lasebusika xa kunetha kakhulu okanye ngokusixinxina ukuba kukho amanzi awoneteleyo agciniweyo.
- 12 Ukuba ukufakwa kubandakanya itephu abanokuthi abantu bahendeke ekubeni basele amanzi ayo, bawasebenzise okanye bawachithe, kungangcono xa inokutshixwa okanye ivulwe xa "kuyimfuneko"
- 13 Fakela i-stopkok sabucala emva komda wodonga lwesiza kwaye ngaphambi kwevalvi ye-RPZ enqanda amanzi angabuyi umva.

CINGA NGAMANZI

NAKEKELA OKUNCINANE YONGA KAKHULU.

Ngemiba enxulumene namanzi nogutyulo
lwelindle unganxibelelana neSixeko
ngokusebenzisa elinye lala majelo:

- Nge-intanethi ku-
www.capetown.gov.za/servicerequests
- Nge-imeyili **water@capetown.gov.za**
- NgeSMS **31373** (amagama neempawu
zobhalo zingabikho ngaphezu ko-160)
- Ngefowuni **0860 103 089**
- Tyelela iZiko loNxibelelwano naBaxumi-
ukufumana uludwe olupheleleyo ngokuthi
uye ku - **www.capetown.gov.za/facilities**

Sebenzisa ijelo elinye ukuze ufumane
impendulo ekhawulezileyo, yaye uqinisekise
ukuba unikwa inombolo yesalathiso.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.